



Province of the  
**EASTERN CAPE**  
EDUCATION

**NATIONAL  
SENIOR CERTIFICATE**

**IBANGA 11**

**NOVEMBA 2019**

**ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA P2**

**AMANQAKU: 80**

**IXESHA: liyure 2½**



---

Olu viwo lunamaphepha angama-21.

---

**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Funda imiyalelo ngocoselelo phambi kokuba uphendule imibuzo.
2. Musa ukuzama ukufunda lonke iphepha loviwo. Funda itheyibhile yesiqulatho ekwiphepha lesi-4 uze uchonge imibuzo ebuzwe ngoncwadi olufundisiweyo kulo nyaka. Emva koko, funda le mibuzo wandule ukhethe oza kuyiphendula.
3. Eli phepha loviwo linamaCANDELO amaTHATHU:
 

ICANDELO A: ISihobe	(30)
ICANDELO B: INoveli / UNCWADI LWEMVELI	(25)
ICANDELO C: IDrama	(25)
4. Phendula imibuzo emiHLANU iyonke, Imibuzo EMITHATHU kwiCANDELO A, omNYE kwiCANDELO B, nomNYE kwiCANDELO C ngale ndlela ilandelayo:
 

ICANDELO A: ISIHOBE

IMIBONGO EFUNDISIWEYO EKLASINI – Phendula imibuzo emiBINI

UMBONGO ONGAFUNDISWANGA: Umbuzo ONYANZELEKILEYO

ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI

Phendula umbuzo OMNYE.

ICANDELO C: IDRAMA

Phendula umbuzo omNYE.
5. UKHETHO LWEMIBUZO KUMACANDELO B (INOVELI/UNCWADI LWEMVELI) NECANDELO C (IDRAMA).
  - Phendula KUPHELA imibuzo ekwinoveli/uncwadi lwemveli nakwidrama oyifundisiweyo.
  - Phendula UMBUZO OSISINCOKO omNYE kunye NOMFUTSHANE ube mNYE.

Xa uphendule UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO C. Xa uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO C. Sebenzisa itshekhlisiti ukwenza oku.

**6. UBUDE BEEMPENDULO**

- Imibuzo esisincoko yeSihobe kulindeleke ukuba iphendulwe ngamagama ali-140–190.
- Imibuzo esisincoko yeNoveli/Uncwadi Lwemveli neDrama kulindeleke ukuba iphendulwe ngamagama angama 290–340.
- Ubude beempendulo zemibuzo emifutshane buxhomekeke kulwabiwo lwamanqaku. Abaviwa kulindeleke ukuba baphendule ngokuvakalayo nangokusemxholweni.

7. Landela imiyalelo ebhalwe ekuqaleni kweCANDELO ngaliNYE ngocoselelo.

8. Nombola iimpindulo zakho ngokuchanekileyo ulandela indlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha loviwo.

9. Qala ICANDELO ngaliNYE kwiphepha ELITSHA.

10. Yaba ixesha ngolu hlobo lulandelayo:

ICANDELO A: Malunga nama-40 emizuzu

ICANDELO B: Malunga nama-55 emizuzu

ICANDELO C: Malunga nama-55 emizuzu

11. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

**ITHEYIBHILE YESIQLATHO****ICANDELO A: ISIHOBE**

Imibongo efundisiweyo: Phendula NAYIPHI na imibuzo emiBINI.

INANI LOMBUZO		UMBUZO	AMANQAKU	INOMBOLO YEPHEPHA
1.	Iselula	Umbuzo osisincoko soncwadi	10	6
2.	Ubuyil'uMakhanda	Umbuzo omfutshane	10	7
3.	UNkosi uJongumsobomvu Maqoma	Umbuzo omfutshane	10	8
4.	Ugodukile uNjingalwazi Zithobile Sunshine Qangule	Umbuzo omfutshane	10	9
<b>KUNYE</b>				
<b>Umbongo ongafundiswanga. Kunyanzelekile ukuba uwuphendule.</b>				
5.	Injengele yomkhonto wesizwe	Umbuzo omfutshane	10	10

**QAPHELA:** Phendula umbuzo omNYE OSISINCOKO nombuzo omNYE OMFUTSHANE. Xa uphendule UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO C.

**ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI**

Phendula umbuzo OMNYE

INANI LOMBUZO		UMBUZO	AMANQAKU	INOMBOLO YEPHEPHA
6.	<i>Ngenxa Yesithembiso</i>	Umbuzo osisincoko Soncwadi	25	11
7.	<i>Ngenxa Yesithembiso</i>	Umbuzo omfutshane	25	12
8.	<i>Umthombo wobom</i>	Umbuzo osisincoko soncwadi	25	14
9.	<i>Umthombo wobom</i>	Umbuzo omfutshane	25	15

**ICANDELO C: IDRAMA**

Phendula umbuzo omNYE.

INANI LOMBUZO		UMBUZO	AMANQAKU	INOMBOLO YEPHEPHA
10.	<i>Nathi singabantu</i>	Umbuzo osisincoko soncwadi	25	18
<b>OKANYE</b>				
11.	<i>Nathi singabantu</i>	Umbuzo omfutshane	25	19

**QAPHELA: KUMACANDELO B no C,** qiniseka ukuba uphendule umbuzo **OSISINCOKO OMNYE** nombuzo **omNYE OMFUTSHANE**.  
Nceda ungaphenduli imibuzo emiBINI ezizincoko okanye imibuzo emiBINI emifutshane.

**ULUHLU LOKUKHANGELA (ITSHEKHLISTI)**

Kunyanzelekile ukuba ujongisise olu luhlu lulandelayo ukuze uqiniseke ukuba ukhethe imibuzo ngendlela eyiyo.

ICANDELO		AMANANI EMIBUZO	INANI LEMIBUZO EPHENDULWAYO	TIKISHA NGASEZANTSI
A	ISihobe (ISihobe esifundisiweyo)	1–4	2	
	Isihobe (ISihobe esingafundiswanga)	5	1	
B	Inoveli Noncwadi Lwemveli (Umbuzo osisincoko soncwadi OKANYE omfutshane)	6–9	1	
C	Idrama (Umbuzo osisincoko soncwadi OKANYE omfutshane)	10–11	1	

**ICANDELO A: ISIHOBE****ISINGQI SENKULUNGWANE – P.M. QANGULE – M.G. MDLIVA****IMIYALELO**

- Kweli CANDELO kubuzwe imibongo emiNE efundisiweyo nombongo omNYE ongafundiswanga.
- Umviwa ulindeleke ukuba aphenhule nayiphi na imibuzo emiBINI ebuzwe kwimibongo OKANYE kwizibongo ezifundisiweyo; kunye nombuzo omNYE kumbongo ongafundiswanga OKANYE isibongo esingafundiswanga.

**QAPHELA:** Umbuzo ongombongo ongafundiswanga KUNYANZELEKILE ukuba uwuphendule. Qiniseka ukuba uphendule imibuzo emiTHATHU kweli candelo.

Ubude bempendulo yombuzo osisincoko buphakathi kwe-140–190 lamagama.

**IMIBONGO EFUNDISIWEYO**

Phendula NAYIPHI NA imibuzo emiBINI.

**UMBUZO 1 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)**

Funda lo mbuzo ulandelayo, wandule ukuphendula umbuzo osekwe kuwo.

Bonisa indlela esisetyenziswe ngayo isigama ukuphuhlisa imisebenzi yeselula. **[10]**

**ISELULA M.G. Mdliva**

- 1 Yinjuz' ediz' amahlebo,
- 2 Ngumthunywa owel' iilwandle nemilambo.
- 3 Ongalaliy' okhuthalel' ukuthunywa,
- 4 Umacofacofw' atyekez' imiyalezo.
- 5 Ziyagigithek' izihlobo kub' ungenelele,
- 6 Zinkcenkceza ngezidlel' iinyembez' uthumekile.
- 7 Elowo nalowo ukuthembile,
- 8 Ukhuthalel' ukuntyiloza kwakho njengeentaka.
- 9 Uzisondezile waziqukanis' iizihlobo,
- 10 Asondelelen' amakholw' ayathandazisana.
- 11 Ukhuthuk' umqolo kukubelek' okuhle nokubi,
- 12 Ukwalixilongo labo banamaqhinga.
- 13 Sinyamezele nomachul' ungadinwa,
- 14 Sibonelele ndlezan' ungatyhafi.
- 15 Huntshu! Mthunywa wokuhle nokubi'
- 16 Sinyamezele jelo leendaba nemiyalezo.

**UMBUZO 2 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

Funda esi sicutshulwa sombongo silandelayo, wandule ukuphendula imibuzo.

**UBUYIL' UMAKHANDA P.M. Qangule**

- 1 Phantsi kwentaba yeTafile,
- 2 Zancam'iingcing'aphel'amathemba,
- 3 Zifunisa ngamathambo kaMakhanda,
- 4 Kungabonakali nomzila wamachokoz'egazi.
- 5 Kungavakali nevumba lomzimb'othwel'ukufa.
- 6 Kungasabonakali nomongo wethambo.
- 7 Abolwandle bazenzel'elwandle,
- 8 Akusekho nomkhondo wephenyane.
- 9 Kwisiqithi sembubho neencwina.
- 10 Zatheth'izihlwele zakwaNdlambe,
- 11 Zijijitheka kumhlaba wakwaNdlambe.
- 12 Zayibon'indlel'angabuyela ngayo kwaNdlambe,
- 13 Z'amaNdlambe axole kwaNdlambe.
- 14 Zayaleza kwabaphilayo bagazi limhlophe,
- 15 Zabakhumbuz'ukub'umntu ngumphefuml'ongafiyo.
- 16 Zath'akafang'uMakhanda konakel'inyama,
- 17 Zath'uMakhanda ngumoy'ophililey'ofun'ukugoduka.
- 18 Zathi makaphuthunyw'abuyiselwe kooyis'omkhulu,
- 19 Ngokub'uhlangene nabakowabo kwelemimoya.
- 20 Ngokub'ufun'ukugoduk'aphumle kowabo,
- 21 Ngokub'idinga le-Afrika lizalisekile,
- 22 Ngokub'idinga loMzantsi Afrika lizalisekile.

- 2.1 Nika intsingiselo yomqolo wesi-3 ngokwalo mbongo. (2)
- 2.2 Khankanya igama lesiqithi awayekuso uJongumsobomvu. (1)
- 2.3 Xela injongo yokuphindaphindwa kwegama '... kwaNdlambe' ukusuka kumqolo we-10 ukuya kowe-13. (2)
- 2.4 Ludidi luni lombongo olu? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 2.5 Isenza sivakalelwe njani imbongi ngemeko kaMakhanda ukusukela kumqolo we-10 kwesi sicutshulwa sombongo? Xhasa impendulo yakho. (3)

**[10]**

**UMBUZO 3 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

Funda esi sicutshulwa sombongo silandelayo, wandule ukuphendula imibuzo.

**UNKOSI UJONGUMSOBOMVU MAQOMA P. M. Qangule**

- 1 Aa! Jongumsobomvu!
- 2 Silo esiwujong'umlil'ucime.
- 3 Mehlo abukhali njengawokhozi,
- 4 Ndleb'ezihluz' okuzivileyo.
- 5 Ngumatshin'ocolayo ingqondo,
- 6 Kuz'izinto ziqulunqwe zicwangciseke.
  
- 7 Ulephuz'amadangaty'okombane,
- 8 Udondolo lokuv'iziziba zakwaNgqika.
- 9 Inzala kaSuthu noNgqika eMngqesha,
- 10 IMngqesha likomkhulu likaRharhabe.
- 11 URharhabe okukunene kuGcaleka,
- 12 UGcaleka okomkhulu liseNqadu.
  
- 13 URharhabe noGcaleka bazalwa nguPhalo,
- 15 UMaqoma yinkosi yamaJingqi
- 16 Isilo esizalwa noArchie Velile Sandile,
- 17 Amathol'iduna akuloTyhali, uAnta noXhoxho.
- 18 Inzala kaNgqika ozalwa nguMlaw'umRharhabe,
- 19 Ozalwa nguRharhabe kwaRharhabe kumaRharhabe.
  
- 20 Irhamba lamaRharhabe kwaRharhab'emaRharhabeni,
- 21 Lazijul'ijacu ngesilili sokhokho lisekhondweni.
- 22 Yakikizel'iMingcangathelo lathyityimb'iTyhume,
- 23 Ukubon' uJongumsobomvu evath'iqaqqa entlantlath'intlungu.
- 24 Ngokunqolotywa kwesilili ngamangabangab'aselwandle,
- 25 Ngokuvuthululwa kwentsika zobuzwe ngamatshijolo.

- 3.1 Nika uphawu lukaJongumsobomvu olutyhilwa ngumqolo wesi-2. (2)
- 3.2 Chaza ukuzalana okuphakathi kukaNgqika noJongumsobomvu ngokwezitanza 2-3. (1)
- 3.3 Xela injongo yokuphindaphindwa kwegama '... Rharhabe' kwesi sicutshulwa sombongo. (2)
- 3.4 Ludidi luni lombongo olu? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 3.5 Isenza sivakalelwe njani imbongi ngoJongumsobomvu kwisitanza sokugqibela sesi sicutshulwa sombongo? Xhasa impendulo yakho. (3)

**[10]**



**UMBUZO 4 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

Funda esi sicutshulwa sombongo silandelayo, wandule ukuphendula imibuzo.

**UGODUKILE UNJINGALWAZI ZITHOBILE SUNSHINE QANGULE  
P.M. QANGULE**

- 1 Lagragrama lagqekreza gqekre izulu.
- 2 Lasiphul'umth'omkhulu yangqwath'esantshulayo,
- 3 Mthi mni nalo uthe qungqululu kweli gade?
- 4 Tyhini! Luntu nguxholovane wengqanga yolwimi,
- 5 Ulwimi lwabavelayo nabatshonayo.
- 6 Kuhamb'isizinziso sokuzinzisa uzinzo,
- 7 Kusithel'ingqonyela yesiXhosa ncakasana.
- 8 Kusithel'ucwamb'olungqondo-ngqondo,
- 9 Kuchwechw' intshuntshe, igqudu nezagweba.
- 10 Kusutyw' amaza okuqhuh'inkwethw'engqondweni,
- 11 Kusutywa uvimba nomongo wesiXhosa kwaXhosa
- 12 Ezulwini bazuzile ngocwambu lolwimi lwesiXhosa.
- 13 Zole azol'amazulu, sithe lasithel'ilanga.
  
- 14 Ndazibon'inkwenkwezi ziqwalasele futh'ezantsi,
- 15 Kanti kwelemilondekazi ngumngcelele wamawaba.
- 16 Tyhini! Zolani booRhengqwa booMja Zijekula,
- 17 BooVezi booNgoma booMancoba booNgxengxethwane.
- 18 Cwaka mnikeni uzuko oluqholwe ngeziqholo zezulu,
- 19 Ngokuzenz'idini labantethw'isisiXhosa emaXhoseni.
- 20 NgesiXhosa sakwaXhosa kwaXhosa emaXhoseni xho xho,
- 21 Ooxholovane iinkonde namanyange bamngqongile.
- 22 Izingqi zoMqhayi zingqisha zingqishile ngqishi-ngqishi,
- 23 Ukwamkel'ingqang'engqingwe zingqond'ezingqondo-ngqondo.

- 4.1 Nika intsingiselo yomqolo wesi-2 ngokwalo mbongo. (2)
- 4.2 Khankanya igama lencwadi ibenye kwezibhalwe ngulo kaQangule ngokukhokelwa yimiqolo ye 9-10. (1)
- 4.3 Xela injongo yokuphindaphindwa kwegama '... Xhosa' kumqolo we-11 nowama-20. (2)
- 4.4 Ludidi luni lombongo olu? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 4.5 Isenza sivakalelwe njani imbongi kwisitanza sokugqibela sesi sicutshulwa sombongo? Xhasa impendulo yakho. (3)

**[10]**

**UMBONGO ONGAFUNDISWANGA: KUNYANZELEKILE UWUPHENDULE.****UMBUZO 5 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

Funda esi sicutshulwa sombongo silandelayo, wandule ukuphendula imibuzo.

**INJENGELE YOMKHONTO WESIZWE M.G. Mdliva**

- 1 Mzantsi Afrika sowuvile ke,
- 2 Injengele yomkhonto idlule,
- 3 Idlul'ifunqulwe ngamafu ithule.
- 4 Yeha! AsingoHani na lo?
- 5 Asisosangxa somkhonto wesizwe na esi?
- 6 Sithule nje konakele phi?
- 7 Asiyonjengele na yebutho likaLuthuli?
- 8 Ziqubudile nj'iintaba kutheni na?
  
- 9 Mzi kankongolo sowuvile ke,
- 10 MaTshonyane nani beSuthu senivile ke,
- 11 Azaml'amazulu zagxwal'iinkwenkwezi.
- 12 Azaml'amazulu ayamkel'injengele yeenjengele,
- 13 Athokombis'awakuGompo sesi sithwakumbe,
- 14 Athi ke mna! Kwamnyama wanyamezel'iincwin'umhlaba.
- 15 Lacimel' ilanga larhona lirhoxoza
- 16 Yalithathel' inyang' inyang' isizwe.
  
- 17 Rholihlahla rhol'amachiza okusinyanga,
- 18 Akusiboni na ukuba siyagcuma?
- 19 Idlul'injengele yeenjengel'ithule,
- 20 Umbikele na uCastro?
- 21 Ingaba sevile na uKaunda?
- 22 Uyibikele na iAfrika?

[ISINGQI SENKULUNGWANE P. M. Qangule M.G. Mdliva]

- 5.1 Lizisa ntsingiselo ni igama "Injengele" elikumqolo wesi-2 ngoHani? (1)
- 5.2 Chaza umsebenzi wombuzo buciko ozingileyo kwimiqolo 4-8. (2)
- 5.3 Xela isafobe esisetyenziswe kumqolo we-11. (1)
- 5.4 Chaza isakhiwo sangaphandle sesitanza soku-1 neses-2. (2)
- 5.5 Uyintoni uRholihlahla ngeli xesha kuhla esi sihelegu? (2)
- 5.6 Nika umxholo walo mbongo. (2)

**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

**ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI****IMIYALELO**

- Kweli candelo kubuzwe iiNoveli noNcwadi Lwemveli.
- Khetha umbuzo kwiNoveli/kuncwadi lwemveli olufundisiweyo.
- Kwincwadi ngaNYE kwicandelo B kubuzwe imibuzo emiBINI, OSISINCOKO SONCWADI nombuzo OMFUTSHANE, ukususela kumbuzo wesi-6 ukuya kumbuzo we-9.
- Khetha umbuzo ube mNYE uwuphendule.

**QAPHELA:** Xa umviwa ekhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI (kwinoveli/ kuNcwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO C (kwidrama). Xa umviwa ekhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO B (kwinoveli/Ncwadi Lwemveli)KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO C (kwidrama).

**INOVELI/ UNCWADI LWEMVELI**

Phendula UMBUZO 6 (UMBUNO OSISINCOKO) OKANYE UMBUZO 7 (UMBUNO OMFUTSHANE)

**UMBUNO 6 (UMBUNO OSISINCOKO SONCWADI)****NGENXA YESITHEMBISO – Mcebisi Nkohla**

Ulwaphulo mthetho alunambuyekezo. Ngqina ubunyani bolu luvo ngale noveli.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-290–340.

**[25]****OKANYE**

## UMBUZO 7 (UMBUZO OMFUTSHANE)

### NGENXA YESITHEMBISO: Mcebisi Nkohla

Funda ezi zicatshulwa zenoveli zingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA A

“Ubuza kum? Andifundanga” yashwantshatha inyakamile indoda yasemathileni. “Khawulezisa mfondini kungenjalo ubuye umva xa uxakwe yinto ozokuyenza,” yatsho ikhonya. Ndathi ndisaqwalasele loo ncwadi yaphinda yagqabhuka le nkewu sele ivonyavonya eloo gqudu yayilithe qhiwu ngezo ndembelele zezandla. “Ingaba uva kunye neegusha okanye kukhala amabhungane entlokweni yakho? Ndithe kuwe sayina igama lakho nomcimbi oze ngawo,” Ndizikhwebule kuloo mcimbi womsinandozele ndavula incwadi ndandula ukulubhabhisa ndisenza ngathi ndiyabhala ndaze ndayibuyisela kuye incwadi sendiyivalile ukuze angabi sakrokra. “Ndigqibile,” “Ngena,” watsho esalatha ngentloko endivulela isango. “Enkosi,” “Wamkelekile mhlekazi,” watsho umhleli ephakama kwaye esolula isandla ukundixhawula. Ndadomboza ngelibulelayo, “ndivuyel’ukuva oko,” “Naso isihlalo mnumzana,” “Mna ndinguTshezi umhleli,” wazazisa njalo. UTshezi wayeyingqungqumbana entsundu ngebala etsho ngomzimbakazi osindwa sisisu ngathi ngumxoxozi. Phofu kwakubonakala ukuba obo bukhulu bubangwa kukuzondla ngezimuncu-muncu namafutha edolophu emihla nezolo. Eminyakeni ndamthelekelela kumashumi amane anesibhozo kuse kumashumi amahlanu okanye nganeno koko. “Ndibulela ukukwazi,” ndatsho. “Mna ndinguZweni Malahle igqwetha elilwela amalungelo abantu,” **ndazazisa ndinomthandazwana wokuba makube uTshezi lo akandazi.** “Ewe,” Umhleli wabonakalisa umdla ongumangaliso ngokunqwala intloko. “Njengoko ke mhlekazi inqaku lephepha-ndaba lakho lathi laba lelona liveleleyo malunga namabanjwa odumo, akunakunceda ngamanqaku amhla abanjwa naxa kwakuwiswa isigwebo?”

- 7.1 Uxambulisana nabani uDumile ekuqaleni kwesi sicutshulwa? (1)
- 7.2 Xela iinjongo zokundwendwela kukaDumile kule ofisi yoMhleli. (2)
- 7.3 Loluphi udidi lozobo olusetyenziswe kwinkcaza ekrwelelwe umgca ngaphantsi? Xhasa impendulo yakho. (3)
- 7.4 Xela iinjongo zikaDumile zokuzazisa njengoZweni Malahle kuMhleli. (2)
- 7.5 Yiyiphi ingcinga eziswa ngamazwi kaDumile abhalwe ngqindilili? (2)
- 7.6 Sabanjani isiphumo sotyelelo lukaDumile? Xhasa impendulo yakho. (2)

**ISICATSHULWA B**

“Ndivuyela ukukubona usindile” watsho endijamele. “Lulonwabo nakum ukukubona usindile nawe.”

“Masiye egumbini lakho,” wandicel’ umngeni.

“Kusebusuku,” ndathandabuza.”Sakubonana ngomso kusasa okanye emini,” ndazama ukucacisa. Wasuka wandithi chu ngengalo endithembisa ukuba ufuna ukubona igumbi lam lokulala. Sakuba sifikile saba nencokwana ebubanda ngesiganeko esagqithayo nendlela awathi wasinda ngayo loo mini.

“Akuyikhumbuli inkosikazi yakho,” wandibuza esithi vu ecaleni kwam ebhedini.

“Ndiyayikhumbula kakhulu,” ndaphendula ngombuzo, “ubuziswa yintoni?” Nam ndibe ndikukhumbula,” watsho eyokozelisa loo mehlo anomyalezo anogezo. Wathi, “Makube ineqhayiya ngokuba nendoda exhonti njengawe,” watsho ebalekisa iminwe yakhe esilevini sam.

“**Sasa thina singabahlobo** masingatsibi imida yaye ndiyavuya ukuba undazi ukuba ndinomfazi.”

“*Of cause maan singabahlobo*,” wandingqinela.

“Ke kaloku?”

“**Abahlobo** banakho ukuncedana,” wagxininisa endiphulula umqolo namagxa. Ndaweve amadangatye ewurhangula ngefuthekazi umzimba wam, amendu entliziyo eqengqeleka kwingxangxasi zentabathekho. Wayesezingalweni zam oyame esifubeni sam. Umsinga wobugqi uthundeza intumekelelo. Wayepholile, etyibilika okocwambu olutyetyisiwe yimitha efudumeleyo yelanga lentlakohlaza. Emva kweyure wavakala endibuza ngokuzekelela eyotywe bubuthongo.

“Ubusazi nje phofu ukuba nam ndinayo indoda?”

“Hayi bendingazi.”

“Ndinayo ikwalapha esixekweni.”

“Ndifuna ukuba undenzele uncedo,” wavakalisa.

“Uncedo?”

Ndandimangalisiwe gqitha yindlela athetha ngayo. Kambe ndakhumbula ukuba uSamson wembali yebhayibhile walukuhlwa ngolu hlobo ukuze oyele emhadini wokuphulukana namandla akhe ayimfihlelo.

- 7.7 Ingaba unyanisile uSasa ukuba uyakuvuyela ukusinda kukaDumile? Xhasa uluvo lwakho. (2)
- 7.8 Tyhila isigqebelo esikobu buhlobo kuthethwa ngabo oko kwisicatshulwa. (2)
- 7.9 Ingaba uSasa ulumelo oluchanekileyo lwabantu baseTyhini kule ncwadi ngezendo? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 7.10 Sithathwe kweliphi inqanaba lesakhiwo sebali esi sicutshulwa? Xhasa impendulo yakho. (3)
- 7.11 Xela isenzo esikwesi sicutshulwa esimveza njengomlinganiswa ongqukuva uDumile. (2)
- 7.12 Chaza amatyeli abemaBINI athe wasinda ekufeni kuwo uDumile kule noveli. (2)

**[24]**

**UMBUZO 8 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)****UMTHOMBO WOBOM – NONDUMISO MDEKAZI, TOMMY KABANYANE**

Xoxa ngendima edlalwa ziingoma, iintsomi nezibongo kwintlalo yethu.

Ubude bempendulo ecwangciswa ngokukuko mabube ngamagama angama 290–340.

**[25]**

**UMBUZO 9 (UMBUZO OMFUTSHANE)****UMTHOMBO WOBOM – NONDUMISO MDEKAZI, TOMMY KABANYANE**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi lwemveli zingezantsi, wandule uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA C****INTLANGANISO YEZILWANYANA**

Kwathi ke kaloku ngantsomi!

Ukumkani wezilwanyana wabiza intlanganiso yezilwanyana zonke ngenye imini. Injongo yale ntlanganiso yayikukuxoxa ngokusokola kwezilwanyana ukufumana amanzi ngexesha lembalela.

Ngemini yentlanganiso lathi liphuma ilanga kwabe sekunyakazela kwaNgonyama, ikomkhulu lezilwanyana, kwaye nasezindleleni eziya komkhulu kuyimiqodi kusiyiwa kule ntlanganiso ibaluleke kangaka. Yabetha intlazane sekuphelelwe zizilwanyana. Okunene ke uKumkani uNgonyama wayalela ukuba kuqalwe. UMFene wawandlala umcimbi ngobuchulekazi obukhulu kakhulu.

**Watsho, watsho, watsho** wee tya, watsho esithi ingxoxo ngoku uyivulele ibandla liphela, ezixelela izilwanyana ukuba ukumkani unqwenela izimvo nengcebiso zingafihlwa khon'ukuze kungathi sekusithiwa kuviwene kubekho izikhalazo ezithethwa emacaleni.

Ziphakamile izithethi ngezithethi zaziphokoza izimvo zazo, zicebisa ezicebisayo, zibuza ezibuzayo zabe zonke ziyibethelela indawo yokuba lo mcimbi ngumcimbi obaluleke kakhulu kwaye kungenakubakho nasilwanyana siwugatyayo. Uninzi lwalusithi into eseleyo kukuba kutyunjwe usuku lokuqalisa kubekwe nexesha. Lutyunjiwe usuku, abekwa namaxesha okusebenza kwanenkqubo yonke yomsebenzi yacaciswa.

Kuthiwe makuqaliswe kwangosuku olulandelayo ngentlazane. Uthe ngoku usihlalo akaboni nto iyenye ngaphandle nje kokuba angasuka anikele kukumkani enze ilizwi lombulelo.

Kwesi sithuba kukhawuleze uDyakalashwe, obesakubizwa Dyaki ngabamaziyo. Uhambise wenjenje, *“Sihlalo obekekileyo, makaphile ngonaphakade ukumkani, nani zidweshwa zakowethu.* Andinqweneli kubuyisela umva le ntlanganiso. Ndiyazi ukuba abanye bethu kusa belapha, iintsapho noko zinokuba sezitshisana emv'ekhaya. Kambe ke ndinendawana encinane nje endinqwenela ukunga ndingayibuza ukuba uSihlalo uyandikhulula. Asindaw'inzima noko.” Kubekho ubuhumhumana noko obungadanga buphumelise kucaca ukuba noko uninzi lwamabandla selunxubele ukugoduka njengoko lwalucinga ukuba umcimbi ushukuxwe wagqitywa. Ibekho nembinana ede yaphumelisa ukuthi, 'Kwekhu! Besiba sigqibile yintoni ngoku? USihlalo uwathulisile amabandla esithi, 'Kuhle mawaba, kuhle! uKumkani masikhumbule akanqweneli ukuba kubekho ndoda imka inesikrokro apha. Masimnike ithuba uDyaki azaneze ngokuyibuza le ndawana kothi kanti yindawo enokunceda abantwana bakaNgonyama bephela. Kuwe, Dyaki!'

9.1 Yayingubani usihlalo wentlanganiso yezilwanyana? (1)

9.2 Nika iimpawu zibeMBINI ezibonisa ukuba esi sicutshulwa sithathwe kwintsomi. (2)

- 9.3 Xela isenzo esenziwe zizilwanyana esibonisa intlonipho. (1)
- 9.4 Lusetyenziswe nganjongo ni uphindaphindo olubhalwe ngqindilili kwesi sicutshulwa? (2)
- 9.5 Ngokolwazi lwakho lwale ntsomi, ingaba yazaliseka ingcinga yombalisi ekrwelelwe umgca ngaphantsi? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 9.6 “Ukuba ooFudwazana noomaQaqa baza kumba mna ndindim nje andisayi kuwasela loo manzi”  
Amtyhila njengomlinganiswa onjani uDyaki amazwi akhe angasentla? (1)
- 9.7 Bonisa unxulumano phakathi kwesaci esithi, ‘nguDyakalashi’ xa kubhekiswa kwizenzo okanye isimo somntu’ nale ntsomi. (2)
- 9.8 Mfundiso ni efumaneka kule ntsomi? (2)

### ISICATSHULWA D (UMBUZO OMFUTSHANE)

#### A-a! Dalibhunga!

- 1 Bath’ unguRholihlahla abomgquba,  
2 Bathi unguNelson abanwele ziyephuyephu,  
3 Bathi unguMadiba odiba izigodi abomthonyama,  
4 Kuba nguwe olwele usapho lwabaNtsundu.  
5 Nguw’ inkab’ emalanga engatshonelwa langa,  
6 Eyabonis’ idyokhwe ngeminyaka yamandulo,  
7 Wasibonisa idyokhwe yengcinezelo yabamhlophe,  
8 Wazifaka iinzapho walwela inkululeko.  
9 Thole lakwaMadiba elawela amanzi,  
10 Ngokuphikisana nombuso wabamhlophe,  
11 Usilwa ingcinezelo yabaNtsundu,  
12 Akwajika nangona impatho-mbi yayikuqoba.
- 13 Lungcungcuthek’ olukwenza wanoxolo,  
14 Babethi bayakuthomalalisa kanti bayazikhohlisa,  
15 Wantingela lee phezulu okwentaka,  
16 Wabuy’ upheth’ uxolo nentsebenziswano.  
17 Lothuk’ ihlabathi luxolo loMzantsi Afrika,  
18 Lwafund’uxolo njengesixhobo esitsha,  
19 Sokusombulul’iinkathazo zehlabathi,  
20 Noondleb’ezikhany’ ilanga baqubuda kuwe.  
21 Lanyamezel’ ithole lakwaMadiba.  
22 Libumb’ isizw’ esitsha sangomso,  
23 Abanye bavuma bathi ngenene uyinkokeli,  
24 Balandela besithi uza nenyano yenene.



- 9.9 Xela ukuba esi sibongo sikoluphi udidi. Xhasa impendulo yakho. (2)
- 9.10 Xela uhlobo lophindaphindo olukrwelelwe umgca ngaphantsi kumqolo woku-1 nowesi-2 uze uxhase impendulo yakho. (2)
- 9.11 Caphula isafobe esifumaneka kumqolo we-15 uxele udidi lwaso. (2)
- 9.12 Tyhila intsingiselo yomqolo wama-20. (2)
- 9.13 Nika umxholo wesi sicutshulwa sombongo. (2)
- 9.14 Xela injongo yembongi ngalo mhobe. (2)
- [25]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 25**

**ICANDELO C: IDRAMA****IMIYALELO**

- Kweli candelo kubuzwe imibuzo kwidrama, ukususela kumbuzo 10 ukuya kumbuzo 11.
- KwiDrama kubuzwe imibuzo EMIBINI; OSISINCOKO SONCWADI kunye NOMBUSO OMFUTSHANE.
- Khetha umbuzo ube MNYE uwuphendule.

**QAPHELA:** Xa umviwa ekhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO B (kwinoveli/kuNcwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO C (kwiDrama). Xa umviwa ekhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO B (kwinoveli/Ncwadi lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO C (kwiDrama).

**UMBUSO 10 (UMBUSO OSISINCOKO SONCWADI)****NATHI SINGABANTU – C.S. HOBONGWANA**

Ngqina ngengxoxo esekwe kwizenzo neentetho zikaNohenjisi ukuba umbhali uchasene nokuphathwa gadalala kwabantu abahlelekileyo namaqaba kule drama.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-290–340.

**[25]**

**UMBUZO 11 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zedrama uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA E**

<b>UNTSHEBE:</b>	<i>(Unikina intloko athimle, ujonga uSikhulu)</i> Mfondini! Izinto zimbi! Bekutheni
<b>USIKHULU:</b>	Bendinxilile ndaza ndasebenzisa neziyobisi. Thetha wena ndiyindoda.
<b>UNTSHEBE:</b>	<i>(Unikina intloko)</i> Ayikokwam ukugweba, okwam kukunceda. Ukufa kusembizeni nangaphandle.
<b>USIKHULU:</b>	Cacisa.
<b>UNTSHEBE:</b>	Ingozi isendlwini nangaphandle.
<b>USIKHULU:</b>	Qala endlwini.
<b>UNTSHEBE:</b>	Uyazi nawe ukuba ngaba ufuna ukuphumelela kufuneka umsusile laa mntwana, Kwaye ungakhe ulinge uwudele umqulu ungekazibali iiyadi. Ukuba uyamyeka lo mntwana, inene uya kuyibona iKanana, kodwa akusoze uyingene.
<b>USIKHULU:</b>	Ndimamele, mhlekazi. Ngaphandle?
<b>UNTSHEBE:</b>	<i>(Ebuncuma)</i> Ndithi nawe sewuziva izingqi zalo ukusukelayo. Ukuba akwenzi cebo uza kususwa kwesi sikhundla sakho.
<b>USIKHULU:</b>	O-o, ndiyeva mhlekazi. Ngaba ngamacebo mani awazamayo lo usendlwini?
<b>UNTSHEBE:</b>	<i>(Esalatha kumathambo wakhe)</i> Andifuni nokukuqhatha, amathambo ayala ukundibonisa, kodwa ngoyena uyingozi.
<b>USIKHULU:</b>	<i>(Ebonakala ukuba uyacinga)</i> Ndiyazi ukuba ndiza kuthini ngalo ungaphandle, kodwa ndithini ngalo usendlwini?
<b>UNTSHEBE:</b>	Ngelishwa ke nam andazi.
<b>USIKHULU:</b>	<u>Kudala ndathi esi sidalwa sindiphathela amashwa. Ndinike iyeza mhlekazi endiza kusigalelela lona ekutyeni sife kube kanye. Athi umntu eneengxaki ezibhadlileyo, sibe sixabe endleleni.</u>
<b>UNTSHEBE:</b>	Kodwa ke uze ulumke kuba ininzi ingqondo phaya.
<b>USIKHULU:</b>	Iza kuthini? Ndoysiswe sisidalwa esineminwe emithathu kuphela esebenzayo.
<b>UNTSHEBE:</b>	Ndingakunika iyeza, kodwa umphefumlo womntu uxhomekeke kophezulu, ukuba uyafuna na ukuwuthatha okanye hayi. <i>(USikhulu uyamhlawula aze aphume)</i> Uhambe kakuhle. <i>(Ethetha yedwa)</i> Awusoze usibone eso sihlalo ngenxa yalo mntwana. Wenzakal' ukhab' uviko nje!

- 11.1 Sazana njani esi sibini sithetha apha kwesi sicutshulwa? (1)
- 11.2 Chaza amatiletile okususa umntwana awenzileyo uSikhulu ngokwale drama. (2)
- 11.3 Xela ulwazi esilunikwa ngamagama akwizibiyeli abhalwe ngqindilili kwintetho kaNtshebe. (1)
- 11.4 Nika intsingiselo equlethwe ngamazwi kaNtshebe athi ukufa kusembizeni nangaphandle. (2)

- 11.5 Chaza isimo somlinganiswa onguSikhulu esivezwa sesi sicutshulwa. Xhasa impendulo yakho. (2)
- 11.6 Xela isiganeko esenzeke kanye emva kwale ncoko ikwicatshulwa. (2)
- 11.7 Atyhila luphi udidi lwempixano amazwi kaSikhulu akrwelelwe umgca ngaphantsi? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 11.8 Chaza ifuthe lepolitiki kwisiphelo sikaSikhulu kule drama. (2)

## ISICATSHULWA F

<b>INTATHELI:</b>	Kukho amarhe athi awuzithandi iinkundla zamatyala? Kutheni ungazifuni?
<b>UNOHENJISI:</b>	Uyazi, ngenye imini ndandibukele umongameli ekhuthaza abantwana besikolo ukuba mabafunde kumabonakude. Wathi xa ethetha indlela intliziyo yakhe eyayibuhlungu ngayo ebudaleni bakhe kukuba engakwazi ukuthetha isiNgesi. Yile nto ke ndizibaleka iinkundla zamatyala. Loo nto, lo mfazana uyandazi ukuba ndiliqabakazi, kwaye andikwazi ukusithetha esi siNgesi.
<b>INTATHELI:</b>	Ungacela ukuba utolikelwe, andithi?
<b>UNOHENJISI:</b>	Mna, nditolikelwe, kwilizwe lookhokho bam! Andinakutolikelwa ekubeni ndikwilizwe elilawulwa ngumntu oNtsundu, othetha isiZulu, owenza amasiko nezithethe zakhe, onendlu ezilalini.
<b>INTATHELI:</b>	Uza kuthini?
<b>UNOHENJISI:</b>	Nyan'am. Uyazi ukuba ibuhlungu njani into yokuya kumamela amasikizi enziwe kumntwan'am ngumntu ebendicinga ukuba uyasithanda? Eyona nto ibuhlungu kakhulu kukuva abanye abantu bencwina, wena mntu wetyala ungeva kwanto. Kuthi xa sewuyitolikelwa into, ibe seyipholile. Uthi utolikelwa nangesigwebo, abe sele esithele naloo mntu ugwetywayo. <b>Kodwa! Yiya kulaa nkundla ngomso, uza kubona umntwana weqabakazi ukuba ubhinqa ngantoni na!</b>
<b>INTATHELI:</b>	Uza kuthini mama?
<b>UNOHENJISI:</b>	Ndithi yiya kulaa nkundla ngomso, uza kubona xa kujub'izicithi. Andiphinde ndimamele abantu abantsundu bevityoza bekhumsha ngokungathi baza kuqhawuk'amalwimi, bexoxa ityala lam, ndibe mna nditolikelwa. Ngomso! Ndiza kubabeka endaweni yabo, ndakugqiba ndiye kwaNdlunkulu.
<b>INTATHELI:</b>	Kuphi kwaNdlunkulu?

- 11.9 Xela isizathu asibekayo uNohenjisi sokungazithandi iinkundla zamatyala. (1)
- 11.10 Cacisa ubunyani bamazwi kaNohenjisi abhalwe ngqindilili. (2)
- 11.11 Khankanya zibeziBINI izenzo ezibonise ubugorha bukaNohenjisi kulo mdlalo. (2)
- 11.12 Cacisa umahluko kwindlela uNohenjisi noSikhulu abababona ngayo abantwana kulo mdlalo. (2)
- 11.13 Nika iimpawu zibeMBINI ezingqina ukuba esi sicutshulwa sesencwadi yomdlalo. (2)
- 11.14 Phawula ngokulunga okanye ukungalungi kwesigwebo senkundla ngeli tyala. (2)

**AMANQAKU ECANDELO C: 24**  
**AMANQAKU EWONKE: 80**





